  - vind dat die oudit waarna verwys word in paragraaf 8(e) nie redelik uitvoerbaar is nie, en die eienaar van die onafhanklike skool 'n persoon aanstel wat gekwalifiseer is om die pligte van 'n ouditbeampte ingevolge artikel 60 van die Wet op Beslote Korporasies, 1984 (Wet 69 van 1984), uit te voer en die rekords en finansiële state te ontleed en daarvan verslag te lewer. Geen persoon wat 'n belang het by die sake van die onafhanklike skool mag volgens hierdie regulasie aangestel word nie; en
  - enige subsidie ontvang van die onderwysdepartement in 'n bankrekening, soos beoog in die Bankwet, 1990 (Wet 94 van 1990) wat oopgemaak is in die naam van die onafhanklike skool, betaal.

#### Intrekking van registrasie en sluiting van onafhanklike skole

8. (1) Die Departementshoof mag, onderhewig aan die bepalings van subregulasie (2), die registrasie van 'n onafhanklike skool intrek indien hy of sy op redelike gronde daarvan oortuig is dat sodanige onafhanklike skool nie aan al die vereistes van of voorwaardes vir registrasie soos in regulasie 2 voldoen nie.
- (2) Voor die registrasie van 'n onafhanklike skool ingevolge subregulasie (1) ingetrek word, sal die Departementshoof in 'n skriftelike kennisgewing aan die eienaar van die onafhanklike skool—
- die eienaar verwittig van die voorneme om dit in te trek;
  - die redes vir die voorgename intrekking, voorsien;
  - die eienaar 'n geleentheid gee om binne 60 dae van ontvangs van die geskrewe kennisgewing skriftelike versoë te rig oor waarom die registrasie nie ingetrek moet word nie; en
  - sodanige versoë oorweeg en die eienaar binne 30 dae van ontvangs van die skriftelike versoë van sy of haar besluit inlig.
- (3) Indien die registrasie van 'n onafhanklike skool ingetrek is, kan die eienaar heraansoek doen om registrasie nadat die nodige stappe gedoen is om te verseker dat daar voldoen word aan die betrokke registrasievereistes of voorwaardes, of dat die omstandighede waarna in Subregulasie (1) verwys word, verbeter of uitgeskakel is, soos die geval ookal mag wees.
- (4) Die eienaar van 'n onafhanklike skool kan binne 30 dae van ontvangs van sodanige kennisgewing appèl aanteken by die Provinsiale Minister teen sodanige besluit van die Departementshoof om sodanige onafhanklike skool se registrasie ingevolge artikel 33 van die Wet in te trek.

- (5) Indien die registrasie van 'n onafhanklike skool ingetrek word deur die Departementshoof ingevolge subregulasie (1), mag die Departementshoof die betrokke eienaar opdrag gee om die onafhanklike skool te sluit met ingang van 'n datum bepaal deur die Departementshoof.
- (6) Enige persoon wat opdrag ontvang om 'n onafhanklike skool te sluit ingevolge subregulasie (5), en wat weier of versuim om te voldoen aan die bepalings van die opdrag, sal skuldig wees aan 'n oortreding en onderhewig, na skuldigbevinding, aan 'n boete of gevangenisstraf vir 'n periode wat nie drie maande oorskry nie.

#### **Appèlle tot die Provinsiale Minister**

9. (1) 'n Appèl ingevolge artikel 33(1) van die Wet, moet skriftelik geskied, met 'n uiteensetting van die gronde vir appèl en sal voorgelê word aan die Provinsiale Minister binne 'n periode van 30 dae van ontvangs van die kennisgewing wat die aansoek weier of registrasie intrek.
- (2) Die Provinsiale Minister kan, wanneer 'n appèl oorweeg word soos in subregulasie (1) bedoel, die appèlleerder en die Departementshoof versoek om hom of haar te voorsien van sodanige verdere inligting as wat hy of sy benodig.
- (3) Die Provinsiale Minister moet—
  - (a) by die oorweging van 'n appèl soos bedoel in Subregulasie (1) die redes van die Departementshoof soos beoog in artikel 29(2) van die Wet, sowel as die gronde vir die appèl in aanmerking neem;
  - (b) binne 'n tydperk van 60 dae van ontvangs van sodanige appèl die appèlleerder skriftelik in kennis stel van sy of haar besluit en die redes daarvoor.
- (4) In die geval van 'n appèl teen 'n besluit om die registrasie van 'n onafhanklike skool in te trek, sal die skool voortgaan om te funksioneer tot die Provinsiale Minister sy/haar besluit bekend gemaak het.

#### **Herroeping**

10. Die Regulasies betreffende die Registrasie van en Subsidies aan Onafhanklike Skole (insluitend onafhanklike preprimêre skole) soos gepubliseer in die Provinsiale Koerant 5313 van 30 November 1998 onder Provinsiale Kennisgewing 639 van 1998 word hiemeer herroep.

#### **Kort titel**

11. Hierdie regulasies staan bekend as die Regulasies betreffende die Registrasie van en Subsidies aan Onafhanklike Skole (Uitgesonderd Onafhanklike Preprimêre Skole).
-

**ISAZISO SEPHONDO****ISAZISO NGOKUBANZI NGOKOMTHETHO WEMFUNDO WEZIKOLO ZEPHONDO LENTSHONA KOLONI, 1997  
(UMTHETHO 12 KA-1997)**

Ngokwenjenje kupapashwa le Mimiselo eyiDrafti elandelayo ukwenzela ukuba yaziwe ngokubanzi:

**IMIMISELO EYIDRAFTI EPHATHELELE KUBHALISO LWEZIKOLO EZIZIMELEYO NENKXASO-MALI ENIKWA ZONA  
(KUNGABANDAKANYWA IZIKOLO EZIZIIPRIPRAYIMARI EZIZIMELEYO)**

Ngokwamagunya endiwathweswe ngokweZiqendu 28 no-37 zoMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 1997 (uMthetho 12 ka-1997), MNA, DONALD ARTHUR CARDROSS GRANT, uMphathiswa wePhondo oPhathiswe ezeMfundo kwiPhondo leNtshona Koloni, ngokwenjenje ndibhengeza injongo yam yokupapasha le mimiselo ehlaziyiweyo ephathelele kubhaliso lwezikolo ezizimeleyo nenkxaso-mali enikwa zona (kungabandakanywa izikolo eziziipriprayimari ezizimeleyo), njengoko kucaciswe kwiShedyuli.

Nabani na okanye nawuphi na umbutho onqwenela ukwenza iikhomenti ngale Mimiselo eyiDrafti kucelwa ukuba azingenise ezo khomenti zibhaliwe, zingaphelanga iintsuku ezili-15 ukususela kumhla wokupapashwa kwesi saziso, ngokuthi

- (a) ziposelwe kule dilesi ilandelayo:  
Mr Deon Louw  
Deputy Director: IMGP  
Western Cape Education Department  
Private Bag X9114  
Cape Town  
8000

okanye

- (b) zithunyelwe nge-imeyili kule dilesi ilandelayo:  
[Deon.louw@pgwc.gov.za](mailto:Deon.louw@pgwc.gov.za)

Inombolo yefoni: 021 467 2653  
Inombolo yefeksi: 086 276 3091

okanye

- (c) ngokuzizisa kulo:  
Mr Deon Louw  
Deputy Director: IMGP  
Western Cape Education Department  
Room 1809, 18th Floor  
Golden Acre Building  
Adderley Street  
Cape Town

Iikopi zale mimiselo eyidrafti ziyafumaneka kweli ziko lewebhu lilandelayo:  
<http://wcedpolicy.pgwc.gov.za>

Sibhalwe umhla eKapa ngolu suku 24 wale nyanga Oktobha 2011

DONALD ARTHUR CARDROSS GRANT  
UMPHATHISWA WEPHONDO OPHATHISWE EZEMFUNDO KWIPHONDO LENTSHONA KOLONI

**IMIMISELO EYIDRAFTI EPHATHELELE KUBHALISO LWEZIKOLO EZIZIMELEYO NENKXASO-MALI ENIKWA ZONA  
(KUNGABANDAKANYWA IZIKOLO EZIZIIPRIPRAYIMARI EZIZIMELEYO)**

Mna, Donald Arthur Cardross Grant, uMphathiswa wePhondo ophathiswe ezemfundo kwiPhondo leNtshona Koloni, ndinenjongo yokubhengeza le mimiselo njengoko icaciswe kule Shedyuli ngokwesiqendu 28 no-37 zoMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni (uMthetho 12 ka-1997).

**ISHEDYULI**

**UKUCWANGCISWA KWEMIMISELO**

1. Iingcaciso-magama
2. Iimfuno ezingummiselo nezizathu zobhaliso
3. Inkqubo yobhaliso
4. Izatifikethi zobhaliso
5. Imvume yabafundi yokubhalisela nokuhlalela iimviwo
6. Ukubekwa esweni nokwazi ukufikelela kwizikolo ezizimeleyo
7. Inkxaso-mali enikwa izikolo ezizimeleyo
8. Ukurhoxiswa kobhaliso nokuvalwa kwezikolo ezizimeleyo
9. Izibheni ezenziwa kuMphathiswa wePhondo
10. Ukutshitshiswa kweMimiselo
11. Igama elifutshane

**Iingcaciso-magama**

1. Kule mimiselo naliphi na igama okanye ibinzana-magama elinikwe intsingiselo kulo Mthetho, linalo ntsingiselo liyinikeyo yaye ngaphandle kokuba umxholo ophethweyo ucacisa ngandlela yimbi—

“**ibhunga**” kuthetha i-*South African Council for Educators* ekubhekiswa kulo kwisiqendu 4 se-*South African Council for Educators Act, 2000* (uMthetho 31 ka-2000);

“**i-NCS**” kuthetha i-*National Curriculum Statement*-iNkcazo yeKharithyulam kaZwelonke emiselwe nguMphathiswa kaZwelonke ngokwesiqendu 6A, esifundwa kunye nesiqendu 61 soMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1996, (uMthetho 84 ka-1996);

“**i-NNSSF**” kuthetha i-*National Norms and Standards for School Funding* iMimiselo neMigangatho kaZwelonke yeNkxaso-mali yeZikolo, 2008, ekhutshwe ngokwesiqendu 39(7) soMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1996, (uMthetho 84 ka-1996);

“**umnini**” kuthetha umntu okanye iqumrhu (*entity*) elinesikolo neligcine isikolo esizimeleyo siqhuba sisebenza nelilawula likwaphethe isikolo esizimeleyo, okanye lowo unikwe amagunya (abo banikwe) okanye abo bathweswe amagunya okulawula isikolo esizimeleyo;

“**isatifikethi sobhaliso**” kuthetha isatifikethi esikhutshwe liSebe leMfundo leNtshona Koloni sakuba sibhalisiwe okanye sibhalisiwe okwethutyana isikolo esizimeleyo;

“**i-SAQA**” kuthetha i-*South African Qualifications Authority*;

“**ubudala bokuhamba isikolo**” kuthetha ubudala obunyanzelekileyo bokuhamba isikolo njengoko bumiselwe nguMphathiswa weMfundo wePhondo, ngokwesiqendu 42 salo Mthetho, yaye ukuya kutsho kubudala obuyiminyaka *elishumi elinesibhozo*, nekuthi ngelo thuba umfundi enze iiprogram zesikolo ezisemthethweni nezaziwayo ukususela kwiBakala 1 ukuya kwiBakala 12;

“**ukhuseleko lwesikolo**” kuthetha amanyathelo okhuseleko amiselwe nguMphathiswa kaZwelonke kule Mimiselo *Safety Measures at Independent Schools*, ekhutshwe ngokwesiqendu 61(a) soMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika;

“**uMthetho**” kuthetha uMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 1997 (uMthetho 12 ka-1997); yaye

“**Umalusi**” kuthetha iBhunga i-*General and Further Education and Training Quality Assurance* elasekwa sisiqendu 4 soMthetho i-*General and Further Education and Training Quality Assurance, 2001 (Act 58 of 2001)*.

**Iimfuno ezingummiselo nezizathu zobhaliso**

2. (1) Nabani na ongunnini angenza isicelo kwiNtloko yeSebe sokubhalisa isikolo njengesikolo esizimeleyo. Isikolo esizimeleyo masithobele ezi mfuno zingummiselo zilandelayo ukuze sibhalisiwe ngokwesiqendu 28 salo Mthetho:
  - (a) Umenzi-sicelo sobhaliso makanelise iNtloko yeSebe leMfundo ngokuba kunokulindeleka ngokufanelekileyo ukuba umndilili wenani labafundi abafikelele kubudala bokuhamba isikolo abaya kubhalisa kwisikolo esizimeleyo ekuthethwa ngaso kwiinyanga eziyi-12 ezilandela lo mhla kufunyenwe ngawo isicelo esilolu hlobo yiNtloko yeSebe, aliyi kuba ngaphantsi ko-20, ngaphandle kokuba abafundi abalolu hlobo ngabafundi bemfundo eneemfuno ezizodwa, ukuze ke kuloo meko injalo, elona nani lisezantsi labafundi esikolweni semfundo eneemfuno ezizodwa libe ngu-10.
  - (b) Osentloko kwisikolo esizimeleyo esilolu hlobo, makube yinqununu eya kuthi, ukuba iyintloko yezifundo (*academic head*) yesikolo okanye iyintloko yesigaba (*head of a phase*) esikolweni, kufuneke ibe namabanga emfundo yobutitshala evunyiweyo yi-*South African Qualifications Authority*, yaye ibe ibhalisile kwibhunga.

(c) Izakhiwo zesikolo namabala aso mazibonelele ngesithuba, ubume bendawo nesakhiwo (*design*) nezibonelelo (*facilities*) ezingqinelana nemigangatho efanele imeko engqonge indawo apho isikolo siya kusebenzela khona, kuthathelwa ingqalelo imigangatho enokuthelakiswa nezikolo zikarhulumente ezikuloo ngingqi, yaye—

- (i) izakhiwo zesikolo namabala aso ekukho kuso isikolo okanye ekuya kubakho kuso isikolo ziyazanelisa iimfuno ezingummiselo zamagunya ezempilo afanelekileyo engingqi kunye/okanye imithetho kamasipala, njengoko imeko inganjalo;
- (ii) ilungelo ngokwasemthethweni lokuba kwizakhiwo zesikolo namabala aso lifumanekile okwethuba eliziinyanga ezilishumi elinambini emva kobhaliso lwesikolo esilolu hlobo.

(2) Ubhaliso lwesikolo esizimeleyo malwenziwe phantsi kwale miqathango ilandelayo:

- (a) Umfundi makangamkelwa kwiBakala 1 kwisikolo esizimeleyo esilolu hlobo ngaphandle kokuba uyazithobela iimfuno ezingummiselo zobudala bokuhamba isikolo njengoko zicacisiwe kwisiqu 27A salo Mthetho.
- (b) Imigaqo emalunga nokuhamba isikolo okunyanzelekileyo njengoko icacisiwe sisiqendu 42 salo Mthetho, esebenza kubafundi abahamba isikolo kwizikolo zikarhulumente, iya kusebenza ngokunjalo kubafundi abahamba isikolo kwisikolo esizimeleyo.
- (c) INtloko yeSebe mayimisele inani elilelona liphezulu labafundi abanokwamkelwa kwisikolo esizimeleyo esilolu hlobo ngokususela kwizakhiwo zesikolo namabala akhankanywe kummiselwana (1)(c).
- (d) Ukufundisa makuqhubeka kuphela kwisikolo esizimeleyo akuba lowo ungumnini enaso isatifikethi sobhaliso sesikolo esizimeleyo esichaphazelekayo.
- (e) Bonke ootitshala abaqeshiweyo mababe babhalisile kwibhunga.
- (f) Isikolo esizimeleyo masithathe inxaxheba kwiinkqubo ze-CEMIS (*Central Education Management Information System*) yeSebe leMfundo leNtshona Koloni.
- (g) Umnini wesikolo esizimeleyo esilolu hlobo—
  - (i) makagcine irejista yokwamkelwa kwabafundi esikolweni (*admission register*) ekuya kurekhodwa kuyo iinkcukacha zomfundi ngamnye;
  - (ii) makagcine irejista yokuhamba isikolo kwabafundi, eyootitshala neyabangezotitshala;
  - (iii) makagcine iprofayili katitshala ngamnye oqeshwe kwisikolo esizimeleyo nekuya kurekhodwa kuzo amagama abo, ubhaliso lwabo kwibhunga, imvumelwano yengqesho, amabanga emfundo neentlawulo zabo;
  - (iv) makagcine irekhodi yobhaliso lwabo bonke abaqeshwa kwicandelo leeNkonzo zeNgeniso yeRhafu zaseMzantsi Afrika (*South African Revenue Service*) nakwi-*Unemployment Insurance Fund*;
  - (v) makagcine iincwadi zeerisithi, iingxelo zemali ezineenkukacha ezibanzi (*detailed financial reports*) aze apapashe neengxelo-mali eziphicothiweyo zaqho ngonyaka (*annual audited financial statements*); yaye
  - (vi) makavumele iNtloko yeSebe okanye igosa eligunyaziswe yiyo ukuba lityelele nasiphi na isikolo esizimeleyo ukungqinisisa ukuba ayagcinwa la maxwebhu alapha ngentla;
- (h) Umnini wesikolo esizimeleyo makaqinisekise ukuba—
  - (i) umndilili wobude bosuku lwesikolo nelona nani lincinane leentsuku zesikolo kunyaka wekhalenda liyangqinelana neeyure zikazwelonke ezimisweyo njengoko kucacisiwe kuxwebhu lweNkcazo yeKharithyulam kaZwelonke (*National Curriculum Statement (NCS)*) nakuxwebhu i-*Curriculum and Assessment Policy Statement (CAPS)*;
  - (ii) ikharithyulam yabafundi kwizigaba ezahlukeneyo zesikolo iyahlangabezana neziphumo zokufunda ezifunwayo zeNCS yaye ivunyiwe yi-*South African Qualifications Authority ne-Higher Education South Africa (HESA)*;
  - (iii) emva kobhaliso, isikolo esizimeleyo senza isicelo kuMalusi sokuvunywa njengesifanelekileyo (*accreditation*); yaye
  - (iv) amanyathelo okhuseleko ayimfuneko ahlala esebenza kwisikolo esizimeleyo njengoko ecaciswe phantsi kommiselo 1 “ukhuseleko lwesikolo”.
- (i) Umnini okanye inqununu yesikolo esizimeleyo—
  - (i) mayazise iNtloko yeSebe ngencwadi ebhaliweyo kwithuba leentsuku eziyi-30 ngako nakuphi na ukutshintsha kobunini okanye ngenguqulelo kwimo yesikolo (*change in status of the school*).
  - (ii) mayazise kwangaphambili, ubuncinane kwiinyanga ezintandathu, ngencwadi ebhaliweyo, iNtloko yeSebe, abazali, ootitshala (nabasebenzi) nabafundi, ngayo nayiphi na injongo okanye ngaso nasiphi na isigqibo sokuphelisa ukusebenza kwesikolo, kuphelisa kokusebenza oko kukhethwa ukuba kwenzeke ekupheleni konyaka wezifundo.
  - (iii) mayazise iNtloko yeSebe leMfundo ngencwadi ebhaliweyo ngako nakuphi na ukutshintshwa kwendawo esikuyo isikolo (*premises*) yaye mayinikwe isatifikethi sokuvunywa koku esikhutshwa ligunya lengingqi leyo sokuba indawo esikuyo isikolo eso iyangqinelana neemfuno ezingummiselo zamagunya ezempilo afanelekileyo kunye/okanye zemithetho kamasipala njengoko kunjalo kummiselwana 3(2)(d); yaye
  - (iv) mayiqinisekise ukuba naziphi na izinto ezitshintshiweyo kwikharithyulam evunyiweyo isikolo esizimeleyo esinqwenela ukuziqalisa, ziyahlangabezana neziphumo zokufunda ze-NCS ezibhengezwe njengomgaqo-nkqubo nguMphathiswa kaZwelonke, yaye mazivunywe yiNtloko yeSebe njengotshintsho kwiimfuno ezingummiselo zobhaliso eziyintsusa.



**Inkqubo yobhaliso**

3. (1) Umenzi-sicelo sobhaliso lwesikolo esizimeleyo makenze isicelo kwiNtloko yeSebe kwifom emiselweyo ungalulanga owe-30 Juni kunyaka owandulela ukuqala kunyaka wezifundo ngaloo nyaka isikolo sinenjongo yokuvula ngawo.
- (2) Isicelo eso masihambe kunye nala maxwebhu alandelayo:
- (a) Umgaqo-siseko wesikolo okanye uxwebhu lokusekwa kwesikolo, kunye nemigaqo-nkqubo echaphazelekayo emalunga nobunini, umnqophiso (*mission*), iinjongo, ukuphathwa, inkxaso-mali, ulwimi nokwamkelwa kwabafundi esikolweni.
- (b) Iplani yomgangatho (*floor plan*) ebonisa imilinganiselo yezithuba (*space measurements*) neya kuthi kwimeko yesakhiwo esinemigangatho emininzi ibandakanye iplani yomgangatho ngamnye (*each floor*).
- (c) Iplani yesiza ebonisa izibonelelo zokuzonwabisa nezinye izibonelelo.
- (d) Ileta yokuvunywa evela kumagunya engingqi ecacisa ukuba indawo leyo ibekelwe (*zoned*) iinjongo zemfundo okanye inayo imvume yokusetyenziselwa iinjongo zemfundo yaye iyangqinelana neemfuno ezingummiselo zempilo nezokhuseleko.
- (e) Ubungqina bokuqinisekisa ngelungelo elisemthethweni lokuba kwizakhiwo ezo (*security of tenure*) kwesikolo esicetywayo nakumabala aso ithuba leenyanga eziyi-12 elona lincinane ukususela kuloo mhla wobhaliso lwesikolo.
- (f) Ubungqina bokuba isikolo siya kubanayo imali yokuqhuba sisebenza kakuhle ubuncinane ithuba leenyanga ezili-12 ukususela kuloo mhla wobhaliso; kunye
- (g) Neekopi ezingqiniweyo zezatifikethi zobhaliso lootitshala kwibhunga lootitshala abasele beqeshiwe nokuzibophelela komini ukuba bonke ootitshala baya kubhaliswa kwibhunga nokuba baya kuzizisa izatifikethi ebezingekafumaneki ngethuba lokuqalisa ukusebenza kwesikolo.
- (3) Makungeniswe isicelo esahlukileyo seziko ngalinye ukuba isikolo sinqwenela ukusebenzela kumaziko ahlukeneyo.
- (4) Isicelo sobhaliso masingeniswe ngeFom 1 ekwisiHlomelo, ihambe kunye namaxwebhu adweliswe kummiselwana (2), singeniswe kwi-ofisi yesithili semfundo apho isikolo esicetywayo siya kusekwa khona yaye isicelo eso siya kugqithiselwa kwiNtloko yeSebe zingaphelanga iintsuku eziyi-14 yi-ofisi yesithili semfundo.
- (5) INtloko yeSebe mayiwungqine umhla wokufumana isicelo ngencwadi ebhaliweyo eya kumenzi-sicelo.
- (6) Isicelo sobhaliso sesikolo esizimeleyo masivunywe yiNtloko yeSebe kwiintsuku eziyi-90 zokufumana isicelo, ngokuxhomekeka ekubeni isikolo siyazanelisa zonke iimfuno ezingummiselo zobhaliso ezikumiselwana (2).
- (7) Umnini wesikolo esizimeleyo angathi, zingekapheli wiintsuku eziyi-30 zokufumana isaziso sesigqibo sokungasibhalisi isikolo esizimeleyo esilolu hlobo, afake isibheni kuMphathiswa wePhondo esichasa isigqibo seNtloko yeSebe sokungasibhalisi eso sikolo sizimeleyo.
- (8) INtloko yeSebe inokusibhalisa okwethutyana isikolo esizimeleyo kunyaka wekhalenda apho isikolo esilolu hlobo singazanelisiyo iimfuno ezingummiselo zobhaliso, ngokuxhomekeka ekubeni ngokoluvo lwayo, kukho izizathu ezivakalayo zokucingela ukuba isikolo siya kuzanelisa iimfuno ezingummiselo zobhaliso ngelo thuba lithile licacisiweyo.

**Izatifikethi zobhaliso**

4. (1) Isatifikethi sobhaliso sikhutshelwa iziko elinye kuphela yiNtloko yeSebe kwaye asinakugqithiselwa (*is not transferable*) kwelinye iziko.
- (2) Isatifikethi sobhaliso sisebenza ngokusemthethweni kuphela (*only valid*) kwiphondo elisikhuphileyo.
- (3) Zonke izikolo ezibhalisiweyo mazibeke isatifikethi sobhaliso kwindawo esemboniselweni (*in a visible location*) njengobungqina bobhaliso.

**Imvume yabafundi yokubhalisela nokuhlalela iimviwo**

5. (1) INtloko yeSebe inokuvumela abafundi kwizikolo ezizimeleyo ukuba babhalisele yaye bahlalele naluphi na uviwo oluqhutywa liSebe leMfundo lePhondo leNtshona Koloni noluphantsi kweliso lalo.
- (2) INtloko yeSebe mayiqinisekise ukuba imigangatho esetyenziswayo nemiqathango eziya kuqhutywa phantsi kwayo iimviwo ezilolu hlobo sisikolo esizimeleyo, iyafana naleyo ifunekayo kwisikolo sikarhulumente kolo viwo lufanayo.
- (3) Inqununu yesikolo esizimeleyo mayenze isicelo kwiNtloko yeSebe sokubhalisa isikolo njengeziko lokubhalela iimviwo zangaphandle zeBakala 12.
- (4) Umnini okanye inqununu yesikolo esizimeleyo eyenza isicelo sobhaliso kwiBhodi yeeMviwo eZimeleyo (*Independent Examinations Board*) okanye kwezinye iibhodi zeemviwo, makaqinisekise ukuba amabanga emfundo ngalawo avunywayo yi-South African Qualifications Authority.

**Ukubekwa esweni nokwazi ukufikelela kwizikolo ezizimeleyo**

6. (1) INtloko yeSebe inokuthi makutyelwe isikolo esizimeleyo ngenjongo yokusibeka esweni.
- (2) Ngokumalunga nezikolo ezizimeleyo ezingaxhaswa ngemali, iNtloko yeSebe mayisazise isikolo eso ngotyelelo olulolu hlobo ngenchwadi ebhaliweyo nenika umhla, ixesha nenjongo yolo tyelelo.
- (3) Ngokumalunga nezikolo ezizimeleyo ezixhaswa ngemali, iSebe leMfundo lePhondo leNtshona Koloni linelungelo lokutyelela izikolo lingazasisanga, kunye nokuhlala imiba eyahlukeneyo yeerekhodi zesikolo, ikakhulu kwinkalo yolawulo lwezemali.

- (4) Ukuba kufakwe isikhalazo sokukhalazela isikolo esizimeleyo ngabazali babafundi ababhaliswe esikolweni, iNtloko yeSebe, inokuthi, ngencwadi ebhaliweyo eya kwinqununu, icele ingxelo ebhaliweyo emalunga nesikhalazo eso.
- (5) Inqununu mayithi kwiintsuku eziyi-30 zokufumana isicelo esibhaliweyo esikhankanywe kummiselwana (4), iphendule iNtloko yeSebe ngencwadi ebhaliweyo.
- (6) Ukuba iNtloko yeSebe ayaneliseki yimpendulo ebhaliweyo ekhankanywe kummiselwana (5), inokuthi kwiintsuku eziyi-30 zokufumana impendulo ebhaliweyo elolu hlobo, icele ngencwadi ebhaliweyo eya kwinqununu yesikolo, ukuba kuqhutywe uphando. Amagosa eSebe leMfundo leNtshona Koloni, atyunjwe yiNtloko yeSebe makavunyelwe ukuba angene kumasango esikolo afumane irekhodi nangaliphi na ixesha elifanelekileyo ngeenjongo zokuqhubeka nophando.
- (7) Iziphumo zophando mazirekhodwe ngokubhaliweyo, yaye mazenziwe zifumaneke kubo bobabini, ummangali nesikolo. Ukuba kukho ubungqina bembonakalo yokuqala (*prima facie case*) malunga nokuba iimfuno ezingummiselo zobhaliso azaneliswanga kuloo meko ithile okanye ngokubanzi, iNtloko yeSebe ke ngoko inokuthatha inyathelo elidlulela phambili imangalele isikolo njengoko kubonelelwe kule Mimiselo. Ukuba kukho ubungqina bembonakalo yokuqala bokuba ummangali (*complainant*) angaba nelungelo lokuthatha inyathelo lokumangalela isikolo, ummangali angathatha amanyathelo asemthethweni.

#### **Inkxaso-mali enikwa izikolo ezizimeleyo**

7. (1) Isikolo esizimeleyo esibhaliswe ithuba elingunyaka okanye nangaphezu koko njengombutho ongenzi nzuzo sinokwenza isicelo senkxaso-mali ngokwesiqendu 31 salo Mthetho.
- (2) Ngokungqinelana nemigaqo yeNNSF 2008, inkxaso-mali ekhankanywe kummiselwana (1), mayibalwe qho ngonyaka yiNtloko yeSebe ngokuvumelana nentloko yezemali.
- (3) Isikolo esizimeleyo siya kusibhekisa isicelo saso senkxaso-mali kwiNtloko yeSebe ngeefom zokwenza isicelo ezenziwa zifumaneke ukulungiselela le njongo, ngokuxhomekeka ekubeni isicelo senkxaso-mali singeniswa kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni qho ngonyaka phambi okanye nge-31 Matshi kunyaka ongaphambili.
- (4) Ukuba isikolo esizimeleyo esinikwe inkxaso-mali, sithi nangaliphi na ixesha lonyaka-mali singazithobeli nazo naziphi na okanye nazo zonke iimfuno ezingummiselo okanye imiqathango yenkxaso-mali, iNtloko yeSebe mayinike umniniso isaziso esibhaliweyo soko, esicacisa ukuba yeyiphi imfuno engummiselo okanye umqathango ongathotyelwanga, yaye inike umniniso umyalelo wokuba anelise le mfundo ingummiselo okanye lo mqathango lingekapheli ithuba elimiselwe yiNtloko yeSebe nelicaciswe kwisaziso.
- (5) Ukuba kuthi, emva kokuphela kwethuba elichatshazelwe kummiselwana (4) sibe isikolo esizimeleyo singekangqinelani nemfuno engummiselo okanye nomqathango okubhekiselelwe kuwo, kuya kusetyenziswa imigaqo yeziqendu 48(4) no-(5) zoMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1996.
- (6) Inkxaso-mali iya kuhlawulwa kuphela ngokumalunga nabafundi abakubudala bokuhamba isikolo obunyanzelekileyo abafunda ikharithulam yeBakala 1 ukuya kwiBakala 12, ngaphandle kokuba iNtloko yeSebe imisela ngandlela yimbi kwimeko yabafundi bemfundo eneemfuno ezizodwa.
- (7) Nabani na othi ngokunxulumene nesicelo senkxaso-mali kwisikolo esizimeleyo anike ngabom ingcaciso ebubuxoki okanye enze ingxelo ebubuxoki okanye elahlekisayo ngokunxulumene nesicelo senkxaso-mali sesikolo esizimeleyo, uya kuba netyala lolwaphulo-mthetho yaye ekugwetyeni kwakhe amelwe kukuwiselwa isigwebo sokudliwa imali okanye sokufakwa entolongweni ithuba leenyanga ezintathu.
- (8) Isikolo esizimeleyo sinokuthathelwa ingqalelo malunga nenkxaso-mali ekhankanywe kummiselwana (2) ukuba isikolo esizimeleyo—
  - (a) sigcina imigangatho engekho ngaphantsi kwaleyo yezikolo zikarhulumente ezinokuthelekiswa naso;
  - (b) kwimeko yabafundi abaqhelekileyo, siyavuma ukuthatha inxaxheba kwiiMvavanyo zikaZwelonke zaQho ngoNyaka kunye/okanye kuvavanyo lwesebe lokufumana undonakele (*diagnostic testing*);
  - (c) silawulwa ngendlela eyiyo neyimpumelelo ngokwemiqathango yoluhlu lokutshakitsha ezolawulo (*management checklist*) lweenkxaso-mali njengoko kufunwa yi-NNSF;
  - (d) singeniswa qho ngonyaka ungalulanga owe-30 Juni kwiNtloko yeSebe ingxelo-mali ephicothiweyo (*audited financial statement*) ngemicimbi yezemali zesikolo esizimeleyo;
  - (e) sisebenzisa iinkonzo zomntu oqeshwe ngumnini wesikolo esizimeleyo nobhaliswe njengomphicothi-zincwadi ngokoMthetho i-Auditing Profession Act, 2005 (*Act 26 of 2005*) ukuphicotha irekhodi zemali neengxelo-mali;
  - (f) sifumanisa ukuba uphicotho ekubhekiswa kulo kumhlathi (e) alunakwenzeka ngokufanelekileyo, yaye umnini wesikolo esizimeleyo uqesha umntu oqeqeshelwe ukwenza imisebenzi yegosa lokubala nokucalu-calula imali (*accounting officer*) ngokwesiqendu 60 se-Close Corporation Act, 1984 (*Act 69 of 1984*), ukuba aphicothe aze anike ingxelo ngeerekhodi neengxelo-mali. Akukho mntu onenxaxheba nochaphazelekayo kwimicimbi yezemali yesikolo esizimeleyo onokuqeshwa phantsi kwalo mmiselo.
  - (g) sihlawula nayiphi na inkxaso-mali efunyenweyo kwisebe lemfundo kwi-akhawunti yebhanki echatshazelwe kuMthetho i-Banks Act, 1990 (*Act 94 of 1990*) ethe yavulwa egameni lesikolo esizimeleyo.

#### **Ukurhoxiswa kobhaliso nokuvalwa kwezikolo ezizimeleyo**

8. (1) INtloko yeSebe inokuthi, phantsi kwemigaqo (*provisions*) yommiselwana (2), ilurhoxise ubhaliso lwesikolo esizimeleyo ukuba iqinisekile ukuba phantsi kwezizathu ezivakalayo isikolo esizimeleyo esilolo hlobo asizithobeli zonke iimfuno ezingummiselo zobhaliso okanye imiqathango ekhankanywe kummiselo 2.
- (2) Phambi kokurhoxisa ubhaliso lwesikolo esizimeleyo ngokomhlathi (a), iNtloko yeSebe iya kuthi, ngesaziso esibhaliweyo esiya kumnini wesikolo esizimeleyo—
  - (a) yazise umnini ngenjongo yokurhoxiswa kobhaliso;

- (b) inike izzathu zenjongo yokurhoxiswa kobhaliso;
  - (c) inike umnini zingekapheli iintsuku eziyi-60 zokufumana isaziso esibhaliweyo, ithuba lokuvakalisa izimvo zokuba kungani na lungenakurhoxiswa ubhaliso; yaye
  - (d) ithathele ingqalelo ezo zimvo zivakalisiweyo ize yazise umnini zingekapheli iintsuku eziyi-30 zokufumana izimvo ezibhaliweyo, ngesigqibo sayo.
- (3) Ukuba ubhaliso lwesikolo esizimeleyo lurhoxisiwe, umnini unokufaka isicelo sobhaliso kwakhona emva kokuthatha amanyathelo ayimfuneko okuqinisekisa ukuba ziyathotyelwa iimfuno ezingummiselo okanye imiqathango yobhaliso efanelekileyo, okanye iimeko ezikhankanywe kummiselwana (1), ziphuculwe okanye ziphelisiwe, njengoko imeko inganjalo.
  - (4) Umnini wesikolo esizimeleyo unokuthi zingekapheli iintsuku eziyi-30 zokufumana isaziso sesigqibo esilolu hlobo, afake isibheni kuMphathiswa wePhondo esichasa isigqibo sokurhoxiswa kobhaliso lwesikolo esizimeleyo esilolu hlobo ngokwesiqendu 33 salo Mthetho.
  - (5) Ukuba ubhaliso lwesikolo esizimeleyo lurhoxisiwe yiNtloko yeSebe ngokummiselwana (1), iNtloko yeSebe inokuyalela umnini ochaphazelekayo ukuba asivale isikolo esizimeleyo ukususela ngomhla omiselwe yiNtloko yeSebe.
  - (6) Nabani na oyalelwe ukuba asivale isikolo esizimeleyo ngokummiselwana (5), nothi ale okanye angaphumeleli ukuthobela imigaqo yomyalelo, uya kuba netyala lolwaphulo-mthetho yaye uya kuthi ekugwetyweni kwakhe amelwe sisigwebo sokudliwa imali okanye sokufakwa entolongweni ithuba elingekho ngaphezu kweenyanga ezintathu.

#### **Izibheni ezenziwa kuMphathiswa wePhondo**

9. (1) Isibheni ngokwesiqendu 33(1) salo Mthetho, masibe kuxwebhu olubhaliweyo, oluchaza ngokubanzi izzathu zokufaka isibheni yaye siya kungeniswa kuMphathiswa wePhondo kwithuba leentsuku eziyi-30 zokufumana isaziso sokwala isicelo okanye sokurhoxiswa kobhaliso.
- (2) UMphathiswa wePhondo unokuthi, xa eqwalasela isibheni esichatshazelwe kummiselwana (1), acele ofake isibheni kunye neNtloko yeSebe ukuba bannike loo ngcaciso iyenye njengoko anokuyifuna.
- (3) UMphathiswa wePhondo makathi—
  - (a) ekuqwalaseleni kwakhe isibheni esichatshazelwe kummiselwana (1), athathele ingqalelo izzathu zeNtloko yeSebe ezichatshazelwe kwisiqendu 29(2) salo Mthetho, kwakunye nezizathu zokufakwa kwesibheni; yaye
  - (b) kwithuba leentsuku eziyi-60 zokufumana isibheni esilolu hlobo, azise umenzi-sibheni ngencwadi ebhaliweyo ngesigqibo sakhe nezizathu zoko.
- (4) Kwimeko yesibheni sokuchasa isigqibo sokurhoxiswa kobhaliso lwesikolo esizimeleyo, isikolo siya kuqhubeka sisebenza de uMphathiswa wePhondo avakalise isigqibo sakhe.

#### **Ukutshitshiswa kwemimiselo**

10. IMimiselo emalunga noBhaliso lweZikolo eziZimeleyo neNkxaso-mali enikwa zona (kubandakanywa neZikolo eziziiPri-prayimari eziZimeleyo) njengoko ipapashwe kwiGazethi yePhondo 5313 yowe-30 Novemba 1998 phantsi kweSaziso sePhondo 639 sika-1998, ngokwenjenje iyatshitshiswa.

#### **Igama elifutshane**

11. Le Mimiselo ibizwa ngokuba yiMimiselo emalunga noBhaliso lweZikolo eziZimeleyo neNkxaso-mali enikwa zona (kungabandakanywa iZikolo eziziiPri-prayimari eziZimeleyo).
-

**Vorm 1 / Form 1****WKOD/WCED - 011****Wes-Kaap Onderwysdepartement****Western Cape Education Department****ISebe leMfundo leNtshona Koloni**

**AANSOEK OM REGISTRASIE AS 'N ONAFHANKLIKE  
SKOOL**

**APPLICATION FOR REGISTRATION OF AN INDEPENDENT  
SCHOOL**

NAAM VAN SKOOL NAME OF SCHOOL										
STATUS VAN SKOOL STATUS OF SCHOOL	Primêr Primary		Gekombineerd Combined		Sekondêr Secondary		TIPE TYPE	Gewoon/Ordinary		
								LSOB/LSEN		
STRAAT ADRES STREET ADDRESS										
		Poskode: Postal Code:								
POSADRES POSTAL ADDRESS										
		Poskode: Postal Code:								
E-POS ADRES E-MAIL ADDRESS										
TELEFOONNOMMER TELEPHONE NUMBER		FAKSNOMMER FAX NUMBER		SEL NO CELL NO.						
CIPC REGISTRASIENOMMER (waar van toepassing) CIPC REGISTRATION NUMBER (where applicable)										
AARD VAN EIENAARSKAP TYPE OF OWNERSHIP		Privaat/ Private			Godsdiensgroep/Religious Group					
		Maatskappy/Company			Ander/Other					
NAAM VAN PRINSIPAAL NAME OF PRINCIPAL							TEL. NR. TEL. NO.			

<b>BEHEERLIGGAAM GOVERNING BODY</b>			
Het skool 'n beheerliggaam of raad van direkteure? Does school have a governing body or board of directors?		Ja Yes	Neer No
Naam van eienaar of voorsitter van beheerliggaam / voorsitter van raad: Name of owner or chairperson of governing body/board of directors:			
Adres: Address:			
Telefoonnommer: Telephone number:			
<b>OPVOEDKUNDIGE EN ANDER FASILITEITE EDUCATIONAL AND OTHER FACILITIES</b>			
TIPE GEBOUE TYPE OF BUILDING(S)	BAKSTEEN EN SEMENT / BRICKS AND MORTAR		
	HOUT EN YSTER (Sinkplate) / WOOD AND CORRUGATED IRON SHEETS		
	BEHOUERINGS-AKKOMMODASIE/CONTAINER ACCOMMODATION		
	ANDER(Spesifiseer): OTHER(Specify):		
<b>ADMINISTRATIEWE FASILITEITE ADMINISTRATIVE FACILITIES</b>			
Dui aan getal kamers (Indien geen voorsien is, dui nul aan): Indicate number of rooms (If none has been provided, state "None"):			
Kantoor van prinsipaal /Office of principal			
Kantore vir departementshoofde / Offices for heads of department			
Brandkamer / Strongroom			
Bergingskamers / Storerooms			
Ontvangsarea of kantoor vir sekretaresse / Reception area and/or secretary's office			
Personeelkamer / Staffroom			
Siekeboeg / Sick bay			
<b>SPEELGROND PLAYGROUND</b>			
Grootte van ontspanningsarea (m <sup>2</sup> ) Size of the playground (m <sup>2</sup> )			

<b>ABLUSIEFASILITEITE ABLUTION FACILITIES</b>			
Aantal toilette beskikbaar : Number of toilets available:	(i)	Seuns / Boys	
	(ii)	Dogters / Girls	
	(iii)	Manlike opvoeders / Male educators	
	(iv)	Vroulike opvoeders / Female educators	
<b>ONDERRIGLOKALE (Dui getal aan) INSTRUCTION ROOMS (Indicate number)</b>			
Gewone klaskamers Ordinary classrooms			
Wetenskaplokale Science rooms			
Rekenaarkamers Computer rooms			
Musiek Music			
Siviele Tegnologie Civil Technology			
Gasvryheidstudies Hospitality Studies			
Ander (Spesifiseer) Other (Specify)			
<b>ONDERWYSGEBOUE EDUCATION BUILDINGS</b>			
			Ja Yes
			Nee No
Is eiendom gehersoneer vir onderwys doeleindes? Has property been rezoned for educational purposes?			
Die volgende munisipale dienste is beskikbaar: The following municipal services are available:	Water Water		
	Elektrisiteit Electricity		
	Riool Sewerage		
	Vullisverwydering Refuse removal		

Die volgende dokumente oor die onderwysgeboue moet by die aansoek aangeheg wees:  
The following documentation on the education building must be attached to the application:

- (1) 'n Vloerplan van die gebou wat vir onderwysdoeleindes gebruik gaan word met 'n aanduiding van die verskillende klaskamers (die vloerplan hoef nie op skaal te wees nie). Elke klaskamer moet duidelik genommer wees en aandui :  
Floor plan of the building(s) to be used for education purposes and an indication of the different classrooms (The floor plan(s) need not be to scale.) Each classroom must be numbered clearly and the following indicated:
- Die doel waarvoor elke kamer gebruik sal word  
The purpose for which each room will be used
  - Die vloeroppervlakte, in vierkante meter, van elke kamer  
The floor area, in square metres, of each room
  - In die geval van kledkamers, die getal toilette, urinale en wasbakke.  
In the case of ablution facilities, the number of toilets, urinals and wash basins
- (2) 'n Terreinplan wat die ligging van die geboue, ontspanningsgeriewe en totale oppervlakte in vierkantmeter of in hektaar aandui.  
A site plan indicating the position of the building(s), recreational facilities and total area in square metres or hectares.
- (3) 'n Verslag van die die munisipaliteit ten opsigte van die geskiktheid van die geboue vir onderwysdoeleindes en dat dit aan gesondheidsregulasies voldoen.  
A report from the municipality on the suitability of the building(s) for education purposes and stating whether the building(s) conform(s) to health regulations.

**BESKIKBAARHEID VAN BESTUURSINLICHTINGSTELSELS EN REKORDS**  
**AVAILABILITY OF MANAGEMENT INFORMATION SYSTEMS AND RECORDS**

	Ja Yes	Nee No
Word bestuursinligtingstelsels bygehou en opgedateer? Are management information systems maintained and updated regularly?		
<b>Is die volgende beskikbaar? : Indiensnemingskontrakte</b> <b>Are the following available? : Employment contracts</b>		
Bywoningsregisters vir personeel Attendance registers for personnel		
Toelatingsregister vir leerders Admission register for learners		
Bywoningsregister vir leerders Attendance register for learners		
Leerderprofile Learner profiles		
Personeelprofile Staff profiles		
Finansiële records Financial records		
Word rekords geliaseer en in kabinet of n brandkamer bewaar Are records filed and kept in cabinets or a strongroom?		
Ander kommentaar/Other comments		

<b>TOERUSTING EN AMEUBLEMENT EQUIPMENT AND FURNITURE</b>			
Is elke klaskamer toegerus met Is each classroom equipped with	Ja/Yes	Nee/No	Getal/ Number
'n lessenaar vir elke opvoeder? a desk for every educator?			
'n lessenaar vir elke leerder? a desk for every learner?			
'n swartbord/skryfbord vir elke klaskamer? a blackboard or writing board for each classroom?			
Het elke leerder die voorgeskrewe getal handboeke vir elke vak? Does each learner have the required number of textbooks for each subject?			
<b>ONDERRIGHULPMIDDELS TEACHING AIDS</b>			
Rekenaars Computers			
Videotoerusting Video equipment			
Dataprojektor Data projector			
Oudiotoeerusting Audio equipment			
Ander (spesifiseer) Other (specify)			
<b>INLIGTING AANGAANDE LEERDERS INFORMATION ON LEARNERS</b>			
<i>Besonderhede aangaande die leerder moet op Bylae A aangedui word. Particulars of the learners must be provided on Annexure A.</i>			
<b>LEERPLAN CURRICULUM</b>			
Bied die skool die Nasionale Kurrikulumverklaring aan as kernkurrikulum? Does the school offer the National Curriculum Statement as a core curriculum?	JA YES	<input type="checkbox"/>	NEE NO
Indien nie, meld watter kurrikulum/ leerprogram aangebied word en of dit in lyn is met die Nasionale Kurrikulumverklaring If not, indicate what curriculum is offered and if it is in line with the National Curriculum Statement.			
.....			
.....			
.....			



<b>INLIGTING AANGAANDE OPVOEDERS</b> <b>INFORMATION ON EDUCATORS</b>		
Het die skool voldoende gekwalifiseerde opvoeders? Does the school have a sufficient number of qualified educators?	JA <input style="width: 30px; height: 20px;" type="checkbox"/> YES	NEE <input style="width: 30px; height: 20px;" type="checkbox"/> NO
Is die opvoeders by SARO (Suid- Afrikaanse Raad vir Opvoeders) geregistreer? Are the educators registered with SACE (South African Council for Educators)?	JA <input style="width: 30px; height: 20px;" type="checkbox"/> YES	NEE <input style="width: 30px; height: 20px;" type="checkbox"/> NO
<i>Besonderhede van die opvoeders moet op Bylae B aangedui word.</i> <i>Particulars of the educators must be provided on Annexure B.</i>		
<b>SPORT- EN KULTUURAKTIWITEITE</b> <b>SPORT AND CULTURAL ACTIVITIES</b>		
Dui aan watter sport – en kultuur –aktiwiteite by skool aangebied word. Indicate what sports and cultural activities are offered by the school.  .....		
<b>SKOOLKALENDER</b> <b>SCHOOL CALENDER</b>		
Volg skool die goedgekeurde skoolkalender van die WKOD? Does the school follow the approved school calendar of the WCED?	JA <input style="width: 30px; height: 20px;" type="checkbox"/> YES	NEE <input style="width: 30px; height: 20px;" type="checkbox"/> NO
Indien nie, dui aan getal skoolkwartale en getal skooldae per kwartaal. If not, indicate number of school quarters and school days per quarter.		..... ..... ..... .....
Dui aan getal kontak-ure per graad per week. Indicate the number of contact hours per grade per week.		..... ..... .....

Ek, die ondergetekende, verklaar dat die bogemelde inligting sowel as die inligting wat die aansoek vergesél, korrek en volledig is.  
 I, the undersigned, declare that the above information and the information accompanying this application to be correct and complete.

\_\_\_\_\_  
 Naam van prinsipaal (blokletters)  
 Name of principal (block letters)

\_\_\_\_\_  
 Handtekening van prinsipaal  
 Signature of principal

\_\_\_\_\_  
 Datum  
 Date

\_\_\_\_\_  
 Naam van eienaar of voorsitter  
 van beheerliggaam (blokletters)  
 Name of owner or chairperson  
 of governing body (block letters)

\_\_\_\_\_  
 Handtekening van eienaar/voorsitter  
 Signature of owner or chairperson

\_\_\_\_\_  
 Datum  
 Date

Ek, die ondergetekende, bevestig hiermee dat 'n *in loco* inspeksie by die betrokke skool uitgevoer is, en dat die inligting in die aansoek verstrekkend, korrek is. 'n Voltooiëde evalueringvraelys (Bylae C) wat die geskiktheid van die skool as opvoedkundige instelling aandui, is aangeheg

I, the undersigned, confirm hereby that an *in loco* inspection was carried out at the relevant school and that the information provided in the application is correct. An evaluation checklist (Annexure C), which indicates the suitability of the school as an education institution, is attached.

REGISTRASIE AANBEVEEL/NIE AANBEVEEL NIE  
REGISTRATION RECOMMENDED/NOT RECOMMENDED

KOMMENTAAR:  
COMMENTS: .....  
.....  
.....  
.....

.....  
IBB BESTUURDER / GO BESTUURDER (vir LSOB)  
IMG MANAGER / SES MANAGER (for LSEN)

.....  
DATUM  
DATE

KOMMENTAAR:  
COMMENTS: .....  
.....  
.....

.....  
DISTRKSDIREKTEUR  
DISTRICT DIRECTOR

.....  
DATUM  
DATE



**BYLAE B / ANNEXURE B**

**KWALIFIKASIES VAN OPVOEDERPERSONEEL**

**QUALIFICATIONS OF TEACHING PERSONNEL**

*(Indien daar nie genoeg ruimte hieronder is nie, verskaf inligting op addisionele bladsye en heg aan hierdie vorm. / If there is insufficient space below, provide information on additional pages and attach them to this form.)*

**NEEM KENNIS:** GESERTIFISEERDE AFDRUKKE VAN DIE KWALIFIKASIES VAN OPVOEDERS MOET MET DIE AANSOEK INGEDIEN WORD

**PLEASE NOTE:** CERTIFIED COPIES OF THE QUALIFICATIONS OF EDUCATORS MUST BE SUBMITTED WITH APPLICATION

VAN EN VOORNAAM SURNAME & FIRST NAME	GESLAG SEX	POS EN RANG POST AND RANK	KWALIFIKASIES QUALIFICATIONS	ONDERWYS ONDERVINDING TEACHING EXPERIENCE	SALARIS (BRUTO) P.M. SALARY (BRUTO) P.M.	VAKKE ONDERRIG SUBJECTS TAUGHT